# Isicwangciso ekucetyiswa ngaso sokunceda abafundi beBakala 3 badlulele kwiBakala 4 ngo-2023 - 2024

(MAKUQATSHELWE) Iingcebiso zilungelelana neemeko zesikolo eso.)

**Ukucwangcisela iKota 4 okucetywayo**

- ❖ **Abafundi beBakala 3 bagqiba uVavanyo oluMiselweyo lweKota 4 ungadlulanga owe-24 Novemba 2023.**
- ❖ Ithuba elisusela kowama-**27 Novemba ukuya kowe-08 Disemba 2023** limele ukusetyenziselwa inkqubo yokunceda abafundi beBakala 3 badlulele kwiBakala 4 .

## AMALUNGISELELO EVEKI YOWAMA-27 NOVEMBA 2023

1. **Ukulungiselela iimvavanyo zokuqaphela iingxaki kulwazi lokufunda nolwazi lokubala (*literacy and numeracy*)**
   - ✓ Izikolo zilungisa iikopi zeemviwo;
   - ✓ Izikolo zilungiselela ukumakishwa kweemviwo ngootitshala
   - ✓ Imihla yeemviwo imiselwe yaye abazali baxelelwe; yaye
   - ✓ Abazali bayaziswa ngeenjongo zale nkqubo.

2. **Emva kovavanyo lokuqaphela iingxaki (*diagnostic assessment testing)***
   - ✓ Iimvavanyo ziyamakishwa yaye zirekhodwe;
   - ✓ Iziphumo ziyahlalutywa
   - ✓ IKomiti yoLawulo yeSikolo (*SMT*) iqinisekisa umgangatho;
   - ✓ Abafundi abaneemeko ezifanayo bafakwa kwiqela elinye;
   - ✓ Utitshala wabafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa uncedisa ekuqulunqeni izicwangciso zongenelelo ngoncedo;
   - ✓ I-*SMT* ithatha isigqibo ngokufakwa kwabafundi kumaqela ukunika inkxaso izicwangciso zongenelelo ngoncedo;
   - ✓ Ootitshala beBakala 4 benza izicwangciso zokufundisa ngokweemfuno zabafundi ukwenzela u-2024; kunye
   - ✓ Ukwahlulwa kwabafundi ngokweeklasi ukulungiselela u-2024 kuya qhubeka. (Oku kunokuxhomekeka kwisigqibo se*SMT*.)

# INKQUBO EMISELWEYO YOKUNIKEZELWA KWABAFUNDI BEBAKALA 3 KOOTITSHALA BEBAKALA 4

### 1. Amalungiselelo awenziwa ngootitshala beBakala 3

- ✓ Kuqinisekiswa ukuba iipothifoliyo zabafundi (*portfolios*) zigqityiwe yaye ziyafumaneka ukwenzela umfundi ngamnye;
- ✓ Kuqinisekiswa ukubonakala ngokucacileyo:
  - o Kwabafundi abasengozini
  - o Kwabafundi abaphinda iBakala 3
  - o Kwabafundi abagqithela kwesinye isigaba ngokunikwa inkxaso kwiBakala 3 ngowama-2023
  - o Ingcaciso ngabafundi abanerekhodi le-*LSEN*.

### 2. Iinqununu zicwangcisa imihla namaxesha abekiweyo xa kuqala iKota 4

# INKQUBO YOKUNIKEZELWA KWABAFUNDI KOOTITSHALA

**(Ngomhla (ngemihla) yokunikezelwa kwabafundi kootitshala)**

### 1. Kwenziwa iingxoxo ngendlela aqhuba ngayo umfundi ngo-2023

Bonke ootitshala beBakala 3 nele-4 mababekho ngethuba leengxoxo.

- ✓ Iimeko ezimalunga namakhaya abasuka kuwo.
- ✓ Izinto abakwaziyo ukuzenza ncam
- ✓ Izinto abangenako ukuzenza
- ✓ Makuxoxwe ngokuba ngabaphi abafundi abakwaziyo kakuhle ukubhala ngokudibanisa ( *cursive writing*) yaye kunikwe iingcebiso ngokuba ngabaphi abafundi amabaqhubeke ukubhala ngokuprinta yaye
- ✓ Makuboniswe ukuba ngabaphi na abafundi abangakwaziyo ukuzisebenzela ngabodwa – kunikwe iingcebiso.

### 2. Ootitshala bathatha amanqaku (*notes)*

Amanqaku athathwa ngokugqitywa ukufundiswa kwekharityhulam nenqanaba ekufikelelwe kulo malunga neekhonsepthi ezikwikharityhulam esele zifundisiwe.

### 3. Ukwabiwa kweeklasi

Emva kweengxoxo, ootitshala beBakala 3 bahlula-hlula abafundi ngokweeklasi zabo bethathela ingqalelo iingxoxo ezikhankanyiweyo.

# AMALUNGISELELO OSUKU OLUVULELEKILEYO LWABAFUNDI BEBAKALA 4

1. **Amalungiselelo ngootitshala beBakala 3**

   Ootitshala beBakala 3 babalungiselela **USUKU OLUVULELEKILEYO** abafundi**, apho baya kuba bephononongа imiba yeBakala 4**.
   - ✓ Unxibelelwano nabazali nabanonopheli bababafundi;
   - ✓ Abafundi balungiselelwa ngokweemvakalelo nangokwemeeko zokusebenza kwengqondo nezentlalo yaye
   - ✓ Kwabelana ngengcaciso echaza ngeendlela zokwenza izinto.

2. **Ootitshala beBakala 4 bango-2024 benza amalungiselelo OSUKU OLUVULELEKILEYO**

   - ✓ Benza imisebenzi elula/ekhuthazayo abafundi abanako ukuyenza xa bebandwendwele yaye abafundi banako ukuyigqiba imisebenzi yabo bengancediswanga ngutitshala.
   - ✓ Baqalisa abafundi kwindlela yokubhala ngokudibanisa *(cursive writing*) nakwimigca yokubhala eyi-*Irish ruling* ngokubanika amaphepha ahamba odwa ambalwa.
   - ✓ Benza imisebenzi kwizifundo zeSigaba esiPhakathi ukuqalisa abafundi kwizifundo ezitsha. Umfanekiso obonisa ingcaciso ngezifundo ezitsha unokuba luncedo.
   - ✓ Bacwangcisa ithayimthebhile yosuku eya kuvumela ukuba kwenziwe isifundo seSigaba esiPhakathi ngasinye. Ukubenza bakuqaphele ukukhala kwentsimbi kubenza bakuqaphele ukutshintshwa kwamaxesha.
   - ✓ Imisebenzi mayigqitywe ngamaxesha amisiweyo.
   - ✓

## USUKU OLUVULELEKILEYO

## Imiba ephambili ekucetyiswa ngazo ngoSuku oluVulelekileyo:

1. **Ootitshala batshintshiselana ngeeklasi**
   - ✓ Abafundi beBakala 3 baya kwiklasi yeBakala 4.
   - ✓ Ootitshala beBakala 4 baqwalasela iqela labafundi ababafumeneyo.
   - ✓ Ootitshala beBakala 4 bajonga ukuba zeziphi na izinto ekufaneleke ukuba bakwazi ukuzenza abafundi beBakala 3.

2. **Abafundi bafika kwindawo ebangqongileyo entsha**
   - ✓ Mabavunyelwe abafundi ukuba bahlale kwiidesika ezintsha zabo.
   - ✓ Mabacaciselwe ukuba yintoni ithayimtheyibhile nokuba ifundwa njani.
   - ✓ Abafundi bafumana iincwadi ii-*scribbler books* zoLwimi nezeMathematika ezineenkcukacha somsebenzi weKota 1. Makuncanyatheliswe umfanekiso othandekayo

kwikhava engaphambili yencwadi baze bavunyelwe abafundi ukuba bayifake imibala. Makuncanyatheliswe imithetho neenkqubo zeklasi ezincwadini zabo zize zithunyelwe ekhaya ukwenzela ukuba abazali bayisayinele.
- ✓ Imidlalo embalwa kwizifundo ezibini iya kubanceda abafundi bave kulula ukulungiselela abangakwaziyo okuzayo ngaphambili.
- ✓ Mabavunyelwe abafundi ukuba babuze imibuzo malunga nento abangafuna ukuyazi (makuvuselelwe umdla wabo yaye bancedwe ukuba bazive bekhululekile ukubuza imibuzo).
- ✓ Makulungiselelwe imidlalo kwiindawo ezinamabala okudlala phandle.
- ✓ Makucaciswe iindlela neendawo ezikumabala esikolo ezenzelwe abafundi beBakala 4.

**3. Yonke ingcaciso ebalulekileyo neengcebiso mazenziwe zibe ngamaxwebhu abhaliweyo**
- ✓ Abazali abangenako ukubakho, baya kufumana ingcaciso kunye nekhadi leripoti.
- ✓ Abazali abatsha bayifumana xa kubhaliswa abafundi abatsha.

### Izinto enganyanzelekanga

**Abazali** bayamenywa yaye baxelelwe okulindelekileyo kubo.
- ✓ Izifundo ezahluka-hlukeneyo
- ✓ Ukuxelelwa amagama ootitshala abatsha.
- ✓ Ukunikwa iincwadi ezintsha nencwadi zezifundo.
- ✓ Umsebenzi wesikolo wasekhaya nokuwutshekisha.
- ✓ Iimpahla zeMithambo (*Physical Training)*
- ✓ Isantya sokufundisa
- ✓ Ukufunda.
- ✓ Ixesha lokulala.

**UNOKUZIFUMANA APHA IINCWADANA ZABAZALI ZEBAKALA 4:** https://tinyurl.com/wd22fxdn

## ISIKHOKELO SABAZALI UKULUNGISELELA IIHOLIDE ZEEVEKI EZINTANDATHU

1. Sebenzisa ulwimi oluchanekileyo xa uthetha nabantwana bakho.
2. Bavumele abantwana bakho benze imisebenzi ngokwabo.
3. Banike abantwana bakho imisebenzi emibini ukuya kwemine amabayenze, umz. "Phathela umama umtshayelo nenkcenkce yenkunkuma. Vala icango lakho xa uphuma."
4. Bafundise abantwana bakho bamamele imiyalelo.
5. Bafundise abantwana bakho ukubuza imibuzo ukwenzela ukuba babuze imibuzo eklasini xa bengaqinisekanga.
6. Funda nabo amabali amaninzi kangangoko okanye ucele umntu abafundele.
7. Bavumele baqashele okuqhubeka kwisicatshulwa esifundwayo kangangoko banako, okanye babuze imibuzo imibuzo ngawo, umzekelo "Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni?"
8. Bavumele abantwana batyhile iincwadi ngethuba leeholide ukuziqhelisa nomgangatho wodidi lwencwadi yesifundo yesigaba esitsha.
9. Bavumele abantwana bazi ngelizwe lamanani: Bavumele bakukhaphe xa uya ezivenkileni. Bavumele bathelekise amaxabiso benze izibalo zokusebenzisa imali. Bavumele basebenzise izixhobo (*instruments*) ekhaya ukulinganisela ubunzima (*mass*), ivolyum nobude. Mabadlale iikhadi, iidomino neminye imidlalo ezii-*board games*. Mabenze izibalo yaye bavunyelwe ukuba babale besebenzisa izinto ezifana namatye, iiblokho zeLego njalo-njalo.
10. Kubethelele ukubaluleka kwendlela yokuziphatha nokuzilawula kubantwana bakho. Ezi zizinto ezifunekayo ukuze baphumelele esikolweni.
11. Iincwadi zimele ukukhavarishwa.

**Makungenwe kwi-*WCED ePortal* apha:** https://wcedeportal.co.za/bridging-grade-3-to-grade-4